

No.	Igama lomniniwo Ekuqaleni.	Ixesha lokunikelwa kwe Tailite.	Ukuchazwa Komhlaba.	Ubekulu.	Irafu ese lityala.	Le rafu ilityala iqalango.	Wagqityelwa ukweli gama.
1	Sindapi Busoshe ...	13th July, 1869	1828 Building Lot 2 AA, Perie M.S.	...	320 12 6	1st January, 1883	Sindapi Busoshe.
2	do	do	Garden » 131 do	7 2	2 10 0	do	do
3	Busoshe	do.	Building » 1 AA. do	...	320 12 6	do.	Busoshe. do
4	do	do.	Garden » 130 do	6...	2 10 0	do.	do
5	Kwebulana ...	do.	Building » 4 EE. do	...	320 12 6	do.	Kwebulana.
6	Simon Ndavi ...	do.	Building » 5 CC. do	...	320 12 6	do.	Simon Ndavi.
7	do	do.	Garden » 189 do	8 2	1-39. 2 10 0	do.	do
8	Franz Withov	do	Building » 9 V do	...	3 0 0	do	do
9	do	do	Garden » 149 do	6...	3 0 0	do	do
10	William Yapi ...	do.	Garden » 123 do	6	5.22 10 0	1st January, 1883	William Yapi.
11	John Boezack ...	20th Feb., 1868	Building » 5 U. Mount Goke	...	320 12 6	do.	John Boezack.
12	do	do	Garden » 58 do	64	2 10 0	do	do
13	Jeremiah Masingata	5th January, 1869	Garden » 3. Masingata's Village	6 3	396 13 0	1st January, 1882	Jeremiah Masingata.
14	Dvibi Tonga	10th Oct., 1888	Building » 1 do	...	32 11 0	1st January, 1888	Dvibi Tonga.
15	do	do	Garden » 63 do	6 363	2 10 0	do	do
16	Kweva Gause.	do.	Building » 9 B. Rossiton	...	240 13 0	1st January, 1882	Kweva Gause.
17	Nvoka Mtvingili	do.	Garden » 20 K. do	8 5	3 0 0	do.	Nvoka Mtvingili.
18	do	do.	Building » 7 C. Peuleni	...	33 865 0 15 0	do.	Zachariah Tweyi.
19	Zachariah Tweyi	7th Nov., 1876	Building » 7 C. do	...	33 865 0 15 0	do.	do
20	do	do	Garden » 8 CC do	6 3196	2 10 0	do.	Stephen Tintele.
21	Stephen Tintele	23rd do	Building » 4 H. do	...	33 865 0 12 6	do.	do
22	do	do	Garden » 20 II do	> 6 3496	2 10 0	do.	Daniel Ndevu.
23	'Daniel Ndevu ...	7th do	Building » 3 L. do	...	33 865 0 12 6	do.	do
24	do	do	Garden » 1 do	...	33 865 0 12 6	do.	Shadrach Tintele.
25	Shadrach Tintele	7th do	Building » 3 L. do	...	33 865 0 12 6	do.	do
26	do	23rd do	Garden » 1 do	...	33 865 0 12 6	do.	do

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

EXHIBISO 3d.] KINGWILLIAMSTOWN, NGOWESI-NE, SEPTEMBER 13, 1888. [No. 199

ISAZISO SIKA RULUMENTE, NO 506, 1888.

EKUBENI u Rulumente enikwa amanclia, yinteto yesiqendu sokuqala so “ Mteto we Mhlaba Elahliweyo,” wesi 3 womnyaka we 1879, njengoko ubuyekezwe ngo Mteto wama 20 we 1887, ukuba makayisebenzise ayabe Imihlaba Elahliweyo ngabaniniyo ngoluhlobo luchazwa apa, okokuba:—

“Xenikweni kuko Irafu Yomhlaba ebanjwa u Rulumente wale Koloni, ngendawo, mhlambi ngempahla efunyenwe ku Rulumente, engabhatlalelwa ngawo, iminyaka emi lanu yawa londawo mhlambi komantla yeyekwa alahliweyo, aze noyaza mniniyo nokuba ngokufikelelwe, xingabakuyilo, kwanomntu wike ngomntu akufunyanwa, kuba kufanana u Ruluneli ukubiyenise isaziso ngalondawo malayath ngalompahla, keke ukuba amanywe kw *Government Gazette* nokuba ku ulipha iphelelo evoqo da ukuba lifanelekile, kube kanye ngenyanga kwinyanga ezintatu ezilandelayo, kuzo kuba pakati kwezo nyanga ntatu zesaziso akakungu umniniwo, mhlambi oyiqeshileyo londawo nokuba yimpahla, kungafiki nommeli wako ukuza kumisa ibango lake kuwo, aze alike ayibhatale lorafu ilityala, koti ekupeleni kwezo nyanga zintatu zikankanyiweyo, i Ruluneli iya kuyitabata londawo nokuba yimpahla, ibe yeyayo, ize lyisebenzise nangawupina umteto wolohlobo owoba uko apa e Koloni ngeloxesha; kodwa ke, amaxesha onke, ukuquitywa kwalo mteto ukankanyiweyo, maze ulungelelane nezahlukwana ze sibhoze, neso sitoba, nese shumi, zo Mmiselo wesi 9 womnyaka we 1844, ukuba ube ngumhlaha obambisileyo, nokusetye- nziswa kwemali zawo zivumelane nalowo mteto.”

Apa ko kwaziswa bonke abantu ukuba le Mhlaba ibalulwa ngase zantsi apa ekwi siqingata sase Qonce kutiwa iyelahliweyo ngabaniniyo, njengoko sekutshiwo; ke u Rulumente uya kuyitabata ibe yeyake ngo 16 October, 1888, ukuba ayimenywangwa kwangapambi kwelo xesha, zazi zahlulwa irafu ezingamatyala ku Mantyi weso siqingata, njengoko kubhalwe ngako kwesi siqingata salomteto,

Umhl
aba
okwi
si
Qing
ata
sase
Qonc
e
(King
Willi
amst
own),
oku
tiwa
ushyi
we
ngab
anini
wo.

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s
IBHATYI ,, ,, —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d
I-Bhulukwe ,, ,, —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutsbata)— 16s 9d to 18s 9d.
Ihempe zamadoda zomsebenzi—1 d, 1s, 1s 3d, 1s 6d, 2s
Ihempe ze fulaneli—1s 6d, 1s 9d, 2s, 2s 6d
Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s 11d, 3s 6d

KURD i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)
7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqkumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand’ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi
Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi
Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi .
Izitofu ezibugqi—6d, 7 d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO u-ALUVENI.

ABATENGISI BENTLOBO ZONKE ZEMGUBO. E-QONCE {Kingwilliamstown),

Batengisa ngoku
Idyasi Zobusika, ziqala ku 13s. 6d. zinyuke.
Isuti Zobusika, ziqala ku 11s. 9d. zinyuke.
Ezobusika Ibhulukwe, ziqala ku 3s. 9d. zinyuke
Ezobusika Iblankete, ziqala ku 1s. 6d. zinyuke.

Nezinye ingubo zobusika
Ngamaxabiso akwanjalo ukuba pantsi.
ZILUNGELE EZINGQELE ZIKOYO.

Yizani kuzibonela imfumba
Yebhulukwe Zekodi ziqala ku 5s. zinyuke.
Iminqwazi Etambileyo iqala ku 1s. 9d. inyuke.
ISANDUKUFIKA LOMPAHLA.

Baker, Baker & co

E-QONCE (Kingwilliamstown).

(Kulandlu ibi no NGOMTI).

Abangenisi be mpahla ya-Pesheya
EVANS & CO
Banayo yonke impahla efunwa nga Bantsundu umntu uziketela Kwinto eninzi yazo.

Ngabatengi bo Boya, Izikumba, no Kudla,
njalo, njalo.
E MariKeni, Kingwilliamstown..

[No. 199 BONISANI !

A MEHLO mzi wakowetu, necdani zinkosi, ngehashe lam libiwe oknyne ilahleke e Toleni kwesika Captain Blyth ngomhla wamashumi amabini anambini ku Mpandula, August 1888. Nantsi imibala yaloyi ngewu eluhlaza ekanya ngencam yetshoba efakwe intsimbi ku manqina angapambili enomshiso enyongeni yokunene S.D. iminyaka isesibosweni ubudala. Olandisayo makabalele kwi *Mvo Zabantsundu* nokuba kuku JONAS G. DLAMBULA, Lufuta, Cala, ngokwenjalo wovuzwa ka nobom

Ndim,
JONAS G. DLAMBULA,
3.9.88. Lufuta, Cala.

KU BAXHELI.

Kufunwa. Kufunw a.

UMXHELI ongumntu ontsundu, onganxiliyo nowaziyo mpela umsebenzi lowo. Ofunayo woya ngenqu, okanye abhalele kwi office ye *Mvo*.

Umvuzo ngama 30s. ngenyanga no kutya. Wonyuswa umvuzo akuqondwa emva kwe nyanga ezintatu.

Intlanganiso yo Titshala.

LEMBUTO ingentla kuyakubako intlanganiso yokuyiseka e BENSONVALE, Herschel, ngo 3rd October, 1888.
JONATHAN JAS. JABAVU.

ISAZISO SE DOLOPU, No. 13.

UMHLEKAZI I RULUNELI nge cebo LABA PATI, aba pete kunye naye, ubeke isandla (ngalomhla wa 30th August, 1888, tyila kwi *Government Gazette* yomhla olandelayo kwiipepa lama 390) kulemiteto ilandelayo, yenziwe ngabapati bomzi wase Qonce.

IMITETO YO TYWALA BOM XHOSA.

(1). Akuko namnye omi kwi lokeshoni oyakwenza umhlayimbi atengise utywala, iqhilika, nayipina enye into enxiiisayo, ngapakati kwe lokeshoni, mhlayimbi pakati kwe dolopu. Utywala, iqhilika nezinye iziselo ezinxilisayo ezingati zifunyanwe nokuba kukuyipina indlu napi napi kulo lokeshoni mhlayimbi kumhlaba we dolopu yase Qonce, bungapangwa nezitya ezinabo ; buze buhitwe ngu mkangeli we lokeshoni, tmhlayimbi nalilimbi i polisa.

(2). Wonke umntu owapule lomteto ungentla anga banjwa nangapandle k wencwadi enika igunya aze ati akufunyanwa enetyala adiwe imali engengapezulu kwe £5 anikwe inyanga ezingengapezulu kwe uyanga ezintatu esebenza nzima xa angena mali.

L. J. PIRIE, Town Clerk.
Kingwilliamstown, 5th Sept., 1888.

ABABHUBHILEYO.

REMI KALAKA.—Kubhubhe e Morija e Luautn u REMI KALAKA, inkwenkwana ebitandeki kunene endwini ya kowayo. Ibi iminyaka mitatu ubudala. Ibhubhe ngo 19th July, 1888. Izihlobo maza mkele lo mbiko.

D. KALAKA.

DIKWENI.—e Cacadu, ngo 6th September, 1888, kubhubhe u Jos. W. MDINGI DIKWENI. Wayakugulela kuU nyana wake kwelo, wada wabhuhela kwelo. Umzimba wake watotywa waza kunchwatyelwa ekayeni lake Emgqwakwebe ngo Mgqibelo.

MAQUBELA.—Kubo bonke abazalana nam, nakubo bonke abazalana nenko- sikazi yam, u Mrs. MITJIE H. MAQUBELA, kuyaziswa ukuba yena usihyile nge 21st July 1888. Ugule inyanga ezimbini. Wasi- shiya nezwi elimnandi, noko kunzima, lokuti zeningandlileli nizililele okukokwenu. Ke ubhubhe ubudala bake xa bukwiminyaka emashumi mane anesine, anenyanga zosixenxe, ekuseni, mayelana nexesha lesitatu. Ngomnqweno omkulu wabazalana naye, sagweba ukuba aye kunchwatywa e Rwarwa-Wanchwatywa nge 25th July, 1888, ngu Rev. E. Makiwane. Banga bonke abazalana naye bangawamkela lompana.

HAIHAI MAQUBELA.
Bolo. 9th3.

ABATSHATILEYO.

SIKWEBU—RUBUSHE.—Kutshatiswe e Sanerville, Peddie, ngo Mvulo, 20 August, 1888, ngu Rev. J. B. Sakuba ence. disana no sosoka, u THOMAS into enoi ka Rev J. Sikwebu, no LOUISA (LOUIS) intombi enkulu ka Mr. John Rubushe wase Sanerville (Tyityabe) Port Feddie. 9th3.

Kumzi Ontsudu omele i Qonce ne Cumakala

U- MR. R. SOLOMON, omele amawetu omandla wase Qonce nowase Cumakala kwi ukundla yombuso e Kapa, unomnqweno wokunga angadibana nomzi nkuxoxa ngento zentlalo pantsi kombuso kwiveki ezayo.

Umzi mawuhlale uzilungiselela intlanganiso ke, oluyakuti usuku lwayo nqo luvakaliswe kuselixesha.

J. TENGO-JABAVU, Umlungiseleli owamiswa ngumzi.

Kingwilliamstown, 11 September, 1888

Iveki

UMFO ontsundu ufunyenwe selelugodo ngolwesi-Tatu ngase Mfonjeni (Kei Road) ; kucingelwa ukuba ubulewe yingqele.

IMASISI kuvakala ukuba ingenele abakulu nabancinane e Cradock, iyatuta kunjalonje.

NAKUBA i Bishop yase Kapa ibiye kwi-ntlanganiso enkulu ye Bishop evi Lambeth Conference, ayibang nakungena kakuhle ezingxoweni ngenxa yokungapili. Ama. gqira ati kufuneka eke wapumla u Dr. Jones ubuze afumane ukomelela.

I KOMITI elaula no Mbandini Ukumkani wama swazi icinga ngokudala amapolisa kwelo lase Maswazini, kutetwa nangoku-miswa kwe mantyi. Kusingwa pambili hi nje e Swazini.

AMAXABISO enkom e Qonce angawatele-kelela umntu xangoveki egqitileyo ebe-hamba kwi £5 Is. kase kwi £5 7s. 6d. inkabi; £3 10s. inkatyanyana £4 19s 6d. imazi.

KUFUNWA kwelilizwe iwaka lamadoda ukuyakusebenza kololiwe base Natal. Iqela elipambili liyakubehle likwele e Monti.

KUTE ngonyikimo lomhlaba ngaleveki igqitileyo e New Zealand, kwawa upondo ka Bishop Mora eyakwi 200,000

INENE elingu George Robert O’Brien, nmbali-mali, ufakwe iminyaka emihlanu yi Jaji e Kimberley ngokuba imali eku £1,100, yabantn ese Bhankini ngeqinga lokubhala amagama abo. Kubonakala ukuba inqeburu leyo ibilicisa ekulingani-seleni ukubhala kwabantu.

KUKO nluve e Ngilani lokuba ngu Sir Charles Warren oyakutabata indawo ka Sir Hercules Robinson yobu Ruluneli hale Koloni.

NGENXA. yokungapili kubonakala u Judge Smith engabanga nako ukuwuhamba umji-kelezo wangase ntshonalanga. Isiqingata sawo aesityakutatyatwa ngu Sir H. de Villiers, ze esinye sihanjwe ngu Mr. Justice Buchanan.

U GENERAL SMYTH, obepete imikosi kwa Zulu, ufike e Durban namapakati ake nge- veki egqitileyo,—into eyalata ukuba mayibe ipelile imfazwe.

KUFUNYENWE imizimba emibini engazi-wayo pakati kwe Ngqura ne Zwaartkop.

IMALI ebutwayo yi Komiti yase Rini yesikumbuzo somfundisi u Rev. J. A. Chal-mers kokona ise yi £384, Kuyakuzwa- nyelwa ukuba ibe yi £500 ize idale i bursary kwi Cape University.

NGO 5 September, itreni ebisiya e Lyons (France) ipume emigaqweni kwafika enye ebibamba ngoknkaulenza kwakoyo yayi-ngquba, zapuka yabugoxo, kufe abantu abamashumi mahlanu anabantu babini.

ISIPOMPOTELA somfo ongu Golela nfakwe entolongweni e Komani, ngokusuka abhometele umfo oyimfama amdilivilize impumlo, owope kangangokuba ade atyafe. Use hospital sitata nje.

IYAKUHLALA e Qonce i Jaji ngolwesi-Hlann, 14, ize e Monti ihlale ngolwesi-Ne Iweveki elandelayo.

KEKWANA izipangoezikulu e Natal ezimke nemifulelo yezindlu kwindawo ezininzi.

IRAFU yamaphekepheke (House Duty) ukuba ayihlaluwanganga ngapambi ko 29 September iya kunyuka. Sivusa abangaba bayilibeke lonto.

IPEPA lase Mtata liti u Nqwiliso uselelumele izigitshimi ku Meja naku Dalindye bo ebika umkublane ka Bokleni.

NGELI liqwa beke lako e Zwagershoek ngase Somerset East, kufe abalusi abatatu namakulu amatandatu empahla emfutshane, kwifama ezintatu yingqele.

UTE Umpatiswa - Micimbi - Yabantsundu wase Natal ependula umbuzo e Palamente, ngo 3 Sept, u Dinizulu waye kwinduli yama Ngwane pesheya ko Pongolo.

IMALI ekutiwa ichtelwa uselo Iwendlotoli e Ireland nyakenye iku £11,000,000.

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

ngamawetu, ongefika uququzelelwa njengokuba ubusakuququzelelwa zizizwe ka Maroma kudala, oko bezinqulelwa ku tixo wabalusi u PALES umve etandaza umntu esiti:—

Gxota zonke izifo. Mababe bepilile abantu nemihlambi. Kwanomhlambi opapamileyo, izinja, maube uphilile.

Kwaye okukutembela enjeni kwamawetu, kungafumananga kwako; kuba kaloku umzi wapangwa intonga kwa ngu SPILIGI, waza waba ngu mdliva kumasela. Inkatazo yezinja ezidolopini sinako ukuyivisisa ; saye singamangaliswa ngamacebo okuyipelisa ; asisiboni kanye sona isizatu sokukataza abantu bangapandle *nge*-zinja ekubeni bengenawo nama-polisa.

UKufika kwe Nkosi Ezibe Zise Kapa. ZIFIKE leyo e Qonce i Nkosi ezivela ebu-nzimeni e Kapa. Kute nakuba kungenziwanga ngxokokozelo—enje-ngo “ Hip! Hip ! Hure no “ Ba-yete!” no “ Imvula Mayine!” kwabonakala ngokupitizela kwaban-tu ukuba kuko into ebavuyise ngokungazenzisiyo abantu.

Indawo esinga singenza inqaku ngayo kukuba uyakuvakaliswa njani umvuyo nombulelo womzi e Kapa; apo zingabonwayo ezizinto zonke. Ngati kuti into ebiyakuwu-vakalisa ngokunesihomo umbulelo womzi kubapatiswa base Kapa ku-kuba siti isitili ngasinye senze intlanganiso; engati yenze isitonga esinye ukubulela. Umbulelo lowo ubhekiswe nge ncwadi e Kapa, luti udaba lwe ntlanga-niso nganye lubhengezwe emapepeni endaba. Zingati zanele izitili ukukwenza oko, kuqondwe nazipata mandla, nangumzi omhlope wonke, ukuba nakuba singabantu abangati bate cwaka nje, siyayazi into embi kwinto elungileyo, saye sikwazi ukubulela sakwenzelwa into elu-ngileyo.

Amatsha ntliziyo akwizitili nge-zitili, mawafakane imilomo ke kwa-ngoku, ayile indlela yokubiza intlanganiso yabantu, kuba uluntu lo lonke ingento ingafumana inlanganisane ngapandle kokuba kubeko ababahlanganisayo. Siya kuzingenisa izigqibo zekomiti ze-ndawo ngendawo kweli pepa le Mvo ZABANTSUNDU ngemihlali, ukuzo umzi uyive into eyenziwayo, uzilungiselele. Bekungakuhle ku-nene ikomiti eziya zazisingete u Tungumlomo, ziyitabatelepezu lento zanceda umzi ngayo.

Ezi zimini zokuba sibonakalise komhlope ukuba into embi kwentle sinokuyibona; sinako nje ukwe-njenjalo, sinako ukuyichasa emini engalungileyo, njengo Tung’umlo-mo nezinye; saye elungileyo, nje-ngokukululwa kwe Nkosi oku, si-nako ukuyibulela. Kulento ke kuxhomekeke igama letu elihle lokuqonda.

Ezintlanganiso sicebisa ukuba zibizwe kulo lonke zibe zingavaka-lisa into ezitanda ukuzivakalisa, kubantwana bamatshawe, ngendlela yokulungiselela intlal’ ontle yomzi neyayo pantsi kombuso lo ka Ru-lumeni, kumaxesha azayo. — Kuba bekululwe nje kukuba kulindelwe ukuba abantu baneliseke, okunye bahlale njengama kaya ebu Rulu-menini, iti into esiyitetayo siyitete, singoyikisi kuba inkundla yakwa Rulumeni iyinkundla yase kaya kuti Eli ke ngati lituba elihle ukuba sivisisane kakuhle naba-ntwa be Nkosi ngento zoxolo nqubelo pambili.

Amanqaku.

ABANTWANA benkosi abebese Kapa bafike Eqonce ngo-Mvulo, suka kwa-ngati ligubu iziqhu zamawetu, zibangwa yimihlali yokuba bona bepilile. Babe lusuku lunye kulomzi, bebonwa ngumzi behleli kwindlu yomzukulwana wo Nontshinga u Nana. Kusuke kwanya-telana izizwe apo egqubeni. Ute umhla-mbi wenza ituba elimandl lokuba nabangento bababone abo bantwana, ngokulungiselela isidlwana samanzi ashushu asemlungweni endlwini yesi-ko. Sabona into entle ukuti kwasu kwayo yonke indlu ukungena kwe nkosi u Gonya.

EKOVILE ukuselwa amanzi, amazwi okukhuzazaziwe ngabafu bo Ganya nabo Bovana, waza watsho ngabuhlungu Unkosi Nathanael Umhala ukulila na- bantwana bakayise ngento abala kufumana kuyiyo bebuyile nje. Ate lamapakati aliva esirara ng’ombhoxo webrandi; ate isikumbuzo sokukulu-

leka kwe Nkosi, maybe kuguzulwa kwayo zi Nkosi nangumzi wonke ka Palo. U Mayase into ka Memo, yenze umbulelo ngoku kubuliswa watsho esiti ugqwatelela inkosi, utsho ngatsoli- leyo ambalwa, unkosi u Gumma ate wenza inqaku lokuba abantu bakowabo bengemile nje e bhotlени lokuba besiti kukutya kwe Nkosi u Sandile, walata ukungabini kwalenteto ngokuti wavela yena amadoda amakulu esidla isitubi esingabangakudla kwintsapo kuba sibe sidliwa yinkosi. Inkosi u Gonya iqi- shelise ngombulelo kubantwana boyise ngohlobo abamkelwe ngalo wakankanya ukuba izinto ebezbhekiswa zinto zokwe-njiwenjalo kumzi obhlelyo, nezipakati ziko, dkwangoku uyindlela yokuya kwa Centane. Unkosi u Tini ute kwanele okutetwe zinkosi. Yahlukana pakati kobosuku intlanganiso, ete noko libiqu- bulisileyo yayola yancamisa.

NGOMCIMBI wokukululwa kwe Nkosi amapepa endaba Amangesi abonakala engenanteto ininzi. Onke ombela ngeliti “ Kwaye kumanina zingakululwa nge Jubhili.” Iti i *Cape Times* “ Tina sata- ndaza ukuba inkululo yezinkosi yenziwe isikumbuzo se ubhili nyakenye; kwa intandazo yolohlobo yenziwa emva koko ngu Bishop of Grahamstown kute ke nyakenye u Mr. Sauer (esikundleni sika Mr. Innes) wabuza ukuba akacingina u Rulumeni ngokucebisa u Mhlekazi i Ruluneli ukuxolela ababantwana be Nkosi nabanye ababanjwa, ukwenzela isihomo i Jubhili yo Mntan-OmKe Nkosazana. Isizatu sika Sir Gordon Sprigg sokungabaceleli inceba ku Mhle- kazi ngeloxesha yaba kukuba e Maxhose- ni kuko isikhota esinokutshisa kapukupu ukuba silunyekwe nge matshisi. ema- kube ke ngoku isikhota eso asiseko, okanye ababanjwa abakululweyo abase- nabo ubumatshisi ababenabo nyakenye. I Jubhili lilona xesha lalikulungele oku- kuxolela; kodwa ke akusenani noku, kunokuba kungabenziswa nto; yave mhlambi ukusondela konkulo lwabameli e Palamente kuyiyona nto inkulu kuba- patiswa zinto zakwa Rulumeni kune Jubhili yo Mntanomhle, ukucela ivoti zehlelo elikulu labanyuli.

SIYAWACELA onke amabandla akowetu ukuba angabi nabunxhamo ukuzite- mbisa otile notile ivoti zawo. Wayekeni amagwangqa apikisane, ahluhlelane odwa ngamadoda anga kungatunywa wona ebandla. Sofika tina siwalatele xa seleko onke pambi kwetu amadoda, eyona intliziyo inenyano, engasebenzi nkohliso, kwaye kuya kungena yona. Tina masizame imbumba yamanyama pakati kwetu esiyayalezwa ngoka Gaba wati yeyona nto iyakusigcina.

KUNGSIZI esive umbiko wokubhubha kuka Kagaso Sazuze, indodana yase Nyassa eyayifunde e Lovedale yabuyela kwelo ukuya kuvangela kubantu bako- wayo. Ubhuhbe ngo 10 July lo ugqili- leyo. U Kagaso ubeyindodana emoya upole kunene eyatshata no Miss Jane Bisset owaye funda kwase Lovedale apo. Omnye umpanga esiwufumeneyo ngo- wokubhubha kwendoda enkulu, nendala yase Mgwakwebe, u Mdingi, ebeleno- kukumsha igama elingu Joseph Wil- liams into ka Dikweni, obhuhbele e Lady Frere ngo 6 September, wangcwa- tywa e Mgwakwebe ngo-Mgqibelo, 8 September. Ibali elifutshane ngaye lobonakala kweleveki ezayo kwanele nkosikazi ka Mr. Maqubela. Omnye umbiko esilahlekwe yingxelo yawo ngo ka mfi u Marutle wase Komani. Kuya- nuna ukfa.

EZASE HERSCHEL.

[ZIVELA KUBABHALELI BETU)

ISIMEMO.

Huntshu! Kaba elifundisa kwelipezu- lu. Huntshu! Nami kaba lase Gqili! Namhla inkomo ilungile, kuba i Benson- vale Institution izivulile ingcango zokuba o tishala bangene benze intlango emnyama kona. (Kangela esazisweni) umngameli uyamkele ngomxhelo wonke, wada wa- bonakala etakazela ehlabwini nokuhlwa- bila. Nompati wesikolo oyintloko. Ke yena ude wenza nemiguDU yokushicilela amapepa okumema (circulars) ukuze um- ineni (Mr. J. J. J.) angapuki kukubhala inyabalala yamapepa angapele ndawo. Sinilindele ke madodana okukanya na- wozalo. Sifuna ukusilumeka siye kuma ngo Mshweshwe esisibane singenambali— so. Nani ke nfo zo Somngese noqwalaca nide nize kufika ; kuba eli asiloguqula njengelo laka lavakala kwi Ngqushwa emnyama. Salunyekwa kadelu Manyano Ngemfundo lwase zantsi (N.E.A.) Yinina ke ukuba ninge apa kweIzipezuu singa- bekwa pantsi kwe kandelare. Sinetemba namhlanje ukuba u Manyano luyakuqa- lwa nalapa. Kade sibawa signiya amate zinto ezenziwa yi Koloni nompesheya kwe Nciba.

IMVULA.

Ndingati apa ina njekungati igalelwa ngesikotelo. Siyayibulela i Nkosi ngenxa yoko. Akuko vekti idlula singayifumana- nga. Ilizwe likangeleka kakuhle kakulu liluhlaza.

IMITSHATO.

Sayiqala kwamhla zavulwa izikolo na- namhla isaseloko ivaletsilile. Sesit’vebe siyimtuntsula, kuba iseyileya ixhela ngambini inkomo. Ndingasatsho ke ne gusha. Amanye amadoda selehlala kona. Nezinye izindlu (ke bathla ke re) seziva- liwe ngenxa yemithaslo. Into embi iha- njiswa kude kuse. Enye into itabata intsuku nokuba zintatu. Anditi kaloku uyawazi amadala Mhleli?

INKOSI YASE MAHLUBINI.

Ndibhala nje Mhleli u Hlomendlini akaseko kwehkoyo. I Nkosi apa ya Mahlubi ebeule bungumangaliso ne- tobeke kunene. Ibiyindoda ezimvo zintle. Kunjalonje ibimchase kakulu u Tungum- lomo Ndingati ngoku bekuxa kanye izimkele kulentlanganiso Iiliso yase Herschel. Ingxoxo zayo bezipolile kuba ibisti yona izikalil- nenduku mazilahlwe pantsi kulona nge mali nansrosiba lbi- tanda kakulu abafundisi, kunye nabantu abafundileyo. Igule iveki yanye qha yabhubha ngosuku lwe Cawa 19th August. Omnye umbhaleh uti“ Ibiyi Nkosi yama Hlubi ase Luqalo umfo wakwa Mtimkulu, ugule ixeshana elifutshane kakulu iveki enye. Yifiva isifo esimbule- leyo ebengemfo wase nkonzweni kodwa ekumkeni kwake wenze amazwi anandi-

[SEPTEMBER 13, 1888,

pekayo kakulu. Pakati kwamazwi ake xa bemana abakowabo besiya ko siyazi, ute hayi senifumaua nichita imali yenu mna andiyikupila, ndizakubhubha umhla endiyakumka ngawo ngu-Mgqibelo lowo we 18 ku August. Ndikupeleni pandle ndibone abantwana barn okokungelani. Ukubhubha kwendoda engaka akuma- kuba kungapalazwa. Ngasebukesini eye- nyaniso Inkosi mhla kuko idabi ezinkulu zebandla uyakupendula njengendoda engoyiki buso bamantyi. Kute kwaku- vakala umbiko wake wati umntu walapa azinamhla ngubanina oyeakupendula kwa- mantyi kuba lento u mantyi kumntu omnyama ufana nezulu ukoyikwa anga- fanelana esiti ngenani kulomlilo kube- njalo kumntu osisidenge. Labhubha incoko bafondini, uyamazwe wena Mhleli obeti akufika kubantu nje ungazi umahlule ukuba uyi nkosi, kuba bafu- ndini nobukosi obu kungati kwabanye kukufika kwilizwe lokonwaba, kwezwo mbhuso epamile nguye owahamba eteta nezinye inkosi ngenxesha lika Tungumlomo apa e Herschel. Intsi ziinkulu kwintsapo emini emiyaziyo mzi, kuba fazi be nkosi ngenxa yobu- ninzi.

NGOMMELI WETU.

Singa singacela u Mr. J. Rose-Innes, junior, ukuba asimele beno Mr. Sauer.

UMFO OLIGWALA.

Umbhaleli wetu onqozayo uti, kuko u Mtembu oligwala obelinde intsimi ngo- kuhlwa, ute kwakukonkota izinja wazi- funza, suka ngokoyika azavuma ukubheka pambili. Endaweni yokukangelisa lento ziyoyikayo usuke wacola ilitye watsho ngalo kulendawo yoyikwa zizinja, kanti wosela indodana erolomeni, uduma lusuke pezu kweliso lwakumisa ezinwe- leni, lwapula itambo. Iya ipila noko indodana. Okunene yingozi kuba ube- ngazi ukuba ugibisela eninina.

I Jubhili yase Ncemera.

Sicelwe yi Komiti ye remente yase Ncemera ukwazisa usuku nohlobo loku- hanjiswa kwe nkonzo ze Jubhili ka Rev. R. Birt. Usuku lokudunyiswa kwayo lwaova lolwesi-Hlanu, ngosuku lwa 21 kula nyanga.

Inkonzo yakusasa yoba ngesi Ngesi nesi Xhosa. Koqalwa kuhle emva kwe- ntsimbi yeshumi emini yakusasa, ngo- mtandazo, nendumiso, nokuleswa kwe Zibhalo. Koti emva koko kufundwe u Mbuliso oyela Kwi Bandla lase Ncemera, namanye ama Bandla awoti, atumele, kunye nencwadi evela ku Bongameli be Lomlon Missionary Society, elipetwe yiyo eli Bandla. Kependula ke u Mr. Birt, kuqutywe inteto zabahlobo abobako.

Ngokuhlwa uqutywa ngesi Xhosa sodwa, yonangyelwe ngu Rev. N. Rubu- sana, ekulindeleke ukuya kuleswe incwa- di nezinye indawo ezobhekiswa zivela kwezinye i Remente, kwanamabali ama- doda akwaziyo ukuqaleka kwesi sikolo sase Ncemera, oku konke kupitikezwa ne ngoma ukuquba ubusuku.

EZOMELO E PALAMENTE.

GRAAFF REINETT.—Imbumba yama Bhulu yalomaudla ityumbe u Mr. J. A. Van Heerden no Mr. J. Smit, ukuba ngamalungu ayakuvota wona lombumba.—Abangangabo abembumba leyo bateykele ekungeniseni u Mr. Thomas Auret no Mr. Chas. A. Neser.

RICHMOND.—Imbumba yama Bhulu kulom- andla icitse u Rev. Dr. Kotze no Mr. Philip Watermeyer, ukuba babe ngamadoda” ayakuvotwa ngabo bonke abangabe Bond kona.

QUEENSTOWN.—Amagama asavakalayo mayelana nonyulo lwase Queenstown ngawo Dr. Hattley, Messrs John Frost (uForos), J. B. Hellier, no Mr. W. D. Snyman.

GRAHASTOWN. Kuko isicelo esenziwayo ngabatele balomzi ukuba u Sir Gordon Sprigg avumele ukuba anyulwe kona.

CRADOCK.—Sekubhalwe izicelo e Cradock eziya ku Sir Thomas Scanlen naku Mr. J. P. du Plessis, ukuba bamela esositili, bebe. ngamalungu aso kakade.

UITENHAGE. Kujikela izicelo eziya ku Mr. Tudhope naku Mr. J MacKay. Imbu- mba yama Bhulu igqibe kwelokukhaxa u Dr. Vanes, no Mr. Tadhope.

COLESBERG.—Imbumba yama Bhulu icela u Mr. van der Walt no Mr. Venter, ukuba bamele i Colesberg. Sekuko izicelo zawo bangangabo abalombumba eziya ku Mr James Macfarlane naku Mr. Philip Water tneyer.

SOMERSET EAST.—U Mr De Wet no Mr. Hockly, abamele esisitili e Palamente bayakuba nentlanganiso nabanyuli e Town Hall ngokuhlwa ko-Mgqibelo (15 Sept.)

CALEDON.—Ngu Sir Thomas Uppington no Dr. Abertyn, abayakumela i Caledon.

WOODEHOUSE.—U Mr. J. M. Orpen, sele- fumene izicelo zokumela esisitili e Palamente. Simnqwenelela impumelelo.

KIMBERLEY.—Kuvakala uknba amanene angu Messrs O’Leary no M. Cornwall, asazimisele ukungena kumnyadala wonyulo ukumela lomzi. Amanye amagama apambi kotnzi ngawo Messrs B. I. Bamanto, R. Himrichsen, Mylohreest, Dr. Matthews, no Mr. Sivewright.

EAST GRIQUALAND. — Njengokuba kuko inteto yokuba u Mr. Sivewright uyakumela i Kimberley, kuvakala ukuba ngu Madonyla (Mr. Strachan) oyakungena kumnyadala apa; waye engu Mr. C. P. Watermeyer ongakwicala elimele ifanelo nakontsundu.

Ukubhubha Kwe Nkosi za Besutu,

Umbhaleli we pepa lase Natal ose Thlotse, obhala ngo August 22, uxela ezokuba i Nkosi engu Ramanella ubhu- bhe ngeveki egqitileyo; waye u Tsekelo Mshweshwe emandulele ngenzuku ezimbalwa. U Ramanella ngu nyana ka Makhabane umntakwabo Mshweshwe U Tsekelo ngu nyana ka Mshweshwe ngom- nye wabafazi baKe, ubefana kunene noyise. Ngumfo owavyfundise, kuba nguye owabe a nomatlomlo u Mr Sprigg yimbuzo nobuciko kwintlanganiso eza ndulela imfazwe yempu e Lusutu. zo- mboni ezi Nkosi zibe nexsha zigula zibhubhile zingcwatywe e Thaba Bosigo

IZIHELEGU ZO TYWALA E CALA.

Umbhaleli ose Cala uti:—"Matatu ama-tyala okubulala alinde u Meja, Kwesika Kasana, linye ; kwesika Adonis Toyise, linye ; kwesika Tshokotsha u Stephen—u Tshokotsha ngokwake, isibonda, sibekwa ityala lokuba sibulele umntu kwawaso. Yonke lento ndingati isizekani bu-tywala. Yinto yanganyane. Saye site kunye nemantvi umntu owenze utywala obuninzi makadliwe. Pezu koko sibona inkululeko yabo; kuvela ezinxwaleko nje."

EZABABHALELI.

IMITSHATO YA MAKRISTU

MHLELI WE PEPA LO HLANGA.—Kaundifakele lombuzokazi warn mhlobo wam, kumhla ndikukatazayo ngepepa lako mnumzeto. Lemitshato ya Makristu antsundu iluhlobo lwamanina ezintlotye-ni? Ndingowazayo owasebuhedenini kwanowasezikolweni. Make ndenze ama-nqaku ngowobuhedeni (buqaba). Ukugutywa kwawo—ndibekele entloko—kuti Iwakufika uduli kumenywe abafuneka beze emtshatweni. Easingake siti uduli olu kukubizwa kukubizwa kwe gama. Lufike usuku lomtshato zize zonke izihlo- bo ekududulwana nazo, ezikude neziku- fupi, yenziwe yonke imigcobo enokwenziswa, Liti xa litshonayo ilanga ubone kaloku kupitizelwa ngabatsha kugodwi- kwa, abafana behlanganisa odade babo eziqinwi paya beti mabagoduke okunene nantsi lompi yonke intsha igoduka usapo lwababeheni ke olo ukuba kuso abasa-layo yoba ngoyise kanye. Batsho oyise ukuti godukani kubafana nentombazana — Mandikugondise mfundi ukuba ngu- mteto otenqi kubo lo wokuba umfana nentombazana bengazanga balala emgi- dini nokuba sekutenina mabaye kukangela impahla emakaya, mandipeze apo ngalowo. Owama Ngesi—kufike kubi- zwa igama kwesukuba libizwa kuwo, ze kumenywe izihlobo zixelwele imini yomtshato, ze yakufika lomini zize, zifi- ke zenze yonke imigcobo eziyenziyo sebevela kutshata kumtshatishi nobaba- sayana abatsathi emva kwezonto ke umtshati nomtshatikazi bazakmka kwa- ngalomini, ikakulu ke nezihlobo zasekaya sezosala zizivuyisa bemkile bona. Into eninzi yabamenywa izakugoduka yonke kuti ukuba kuko ezizakulala izihlobo kanti zilungiselelwe indawo zazo njengo- kwentlobo zazo—kambe izihlalo zaba- menywa azinakuhlulwa ngabangame- nywanga. Nabamenyweyo abazikwuu- jikajika lomzi ngokutanda kwabo, baza- kuvela konke abakufunayo:—

